



## Yintoni ekufanele uyazi:

- 1 Ukugonya yinto ozikhethela ngokwakho ukuyenza.
- 2 Izitofu ze-Covid-19 zivavanywe zacokiswa kumazwe ngamazwe nasekuhlaleni kwaye kukho ubungqina bokuba zikhuselekile kwaye ziyasebenza.
- 3 Izitofu zobonelela ngokhuselo kwi-Covid-19 emandundu. Zinika phantse ukhuselo olupheleleyo (100%) kukubhubha okunxulumene ne-Covid-19.
- 4 Esi sitofu asibangeli i-Covid-19.
- 5 Yinto eqhelekileyo ukufumana iziphumo ezingafunekiyo ezingephi, njengobushushu, isicaphucaphu kunye neengqaqambo zomzimba. Ezi ziphumo zidlula msinyane kwaye ziluphawu oluhle lokuba umzimba wakha ukhuselo.
- 6 Isitofu sibonelelwa simahla kwabo babhalisileyo kwiisayithi zogonyo. Ukuze usifumane, kumele ubhalise kuqala.



I-USDD \*134\*832# iMAHALA kuzo zonke iiNethiwekhi zaseMzantsi Afrika.

## Indlela yokubhalisa ukuze ufumane ugonyo:

- 1 Yiya ku-[westerncape.gov.za](http://westerncape.gov.za), uze ucofe kule linki yokubhalisa.
- 2 Bhala iinkcukacha zakho ezisisiseko, kuquka inombolo yakho ye-ID okanye yepaspoti.
- 3 Bonelela ngenombolo yeselfowuni, apho kuza kuthunyelwa khona nge-SMS isiqinisekiso sokubhalisa kwakho kunye neenkukacha zokubhukisha kwixesha elizayo.
- 4 Bonisa ukuba ungathanda ukwenziwa ugonyo phi, nini.
- 5 Faka iinkcukacha zakho zemedikhali eyidi ukuba unayo - ayinamsebenzi nokuba awunayo.
- 6 Jonga ukuba zonke iinkcukacha zakho zichanekile, uze ucofe kuzingenise. Isistimu iza kuthumela i-SMS engqina ukubhalisa kwakho kule sistimu. Xa ilithuba lakho, uza kufumana i-SMS yesibini enexesha nendawo yedinga lakho. Kuza kufuneka ubabonise yona kwisayithi yogonyo, kunye ne-ID yakho.
- 7 Ukuba ufumene isitofu esingamathamo ama-2, njengesitofu sakwaPfizer, uya kunikwa umhla wedinga lokulandelela.



URhulumente weNtshona Koloni

Thumela igama elithi 'REGISTER' ku-060 012 3245 ngoWhatsApp okanye dayela u-\*134\*832#. Malunga nokufumana inkxaso yokubhalisa, ctsalela ku-0860 142 142, okanye yiya ku-[www.westerncape.gov.za](http://www.westerncape.gov.za)